# VAKALISA ULUVO LWAKHO

### Isimemo sokungenisa izimvo zoluntu

## UMthetho-siHlomelo oYilwayo weSizwe woLawulo lweNyukliya [B25B-2023] (S75)

Ikomiti eKhethekileyo yoHlengahlengiso loMhlaba, okusiNgqongileyo, iMithombo yeziMbiwa naMandla imema abantu abanomdla nabachaphazelekayo ukuba bangenise izimvo zabo malunga noMthetho-siHlomelo oYilwayo weSizwe woLawulo lweNyukliya [B25B-2023] (S75).

Ukuhlomela uMthetho Sizwe woLawulo lweNyukliya, 1999, ukuze ufakele izinto endaweni yeenkcazelo ezithile kuze kufakelwe iinkcazelo ezintsha; ukugunyazisa uMlawuli ukuba enze imisebenzi yolawulo eyongezelekileyo; ukubonelela ngokuphelisa ungcoliseko, ukurhoxisa nokuvala amaziko okhuselo omkhosi wesizwe, izixhobo, oomatshini kunye nezinto ezilahliweyo ukwenzela zisetyenziswe ngabantu; ukubonelela ngesibonelelo semali kwiindleko ezinxulumene nokubuyiselwa kwemeko esiqhelweni ngokukhuselekileyo okanye ukurhoxiswa kwamaziko ukuba abonelele ngamagunya awongezelelweyo abahloli; ukubonelela ngezohlwayo zolawulo; ukubonelela ngokusekwa koBhaliso loMthamo weSizwe; ukubonelela ngedatabase ebekwe embindini yabasebenzi yabantu abasebenza ngemitha; nokubonelela ngemiba enxulumene nawo.

Imibuzo, kunye neziphakamiso ezibhaliweyo zingabhekiswa ngqo kuMnu Asgar A Bawa, iKomiti eKhethekileyo yoHlengahlengiso loMhlaba, okusiNgqongileyo, iMithombo yeziMbiwa naMandla nge-imeyili ku-NationalNuclearRegulatorAmendmentBill@parliament.gov.za

Umhla wokuvalwa kokungeniswa kweziphakamiso nguLwesithathu, umhla wama-24 kuTshazimpuzi 2024.

Iikopi zoMthetho oYilwayo zingafumaneka kuMnu A A Bawa kule selula 083 709 8530 okanye ku-www.parliament.gov.za.

